

Ndiyabona, Ndiyafuna, Ndiyathabatha



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

2 Kor. 8:1–7; Mat. 13:3–7, 22; Gen. 3:1–6; Isa. 56:11; Mat. 26:14–16; 2 Pet. 1:5–9.

Indima Yenkumbulo:

“ ‘Lowo ke uhlwayelwe emithaneni enameva, ngulo ulivayo ilizwi, lithi ke ixhala leli phakade, nokulukuhla kobutyebi, kuliminx e ilizwi, lisuke lingabi nasiqhamo’ ” (Mateyu 13:22).

Ukuthanda imali nezinto ezibambekayo zehlabathi kungeza kuthi ngamacala awahlukeneyo. UEllen G. White uyayichaza indlela ayisebenzisayo ongendawo ukusitsalela kwiinkxwaleko zokufuna izinto zehlabathi. “Hambani, yenzani ukuba abo banemihlabane nemali banxile ngamakhala obu bomi. Bekani phambi kwabo ihlabathi linokukhanya kwalo okunomtsalane, ukuze babeke apha kulo indyebo yabo, bamilisele uthando lwabo kwizinto zasemhlabeni. Kufuneka senze konke esinako ukuthintela abo basemsebenzini kaThixo ukuba bangabi nawo amacebo okulwa nathi. Imali masiyigcine apha phakathi kwethu. Ukuba bathi babe namacebo [emali] amaninzi, kuya kubulimaza kakhulu ubukumkani bethu ngokusihlutha abantu abaphantsi kwethu. Mabenziwe bakhathalele kakhulu imali ngaphezu kokuphakamisa ubukumkani bukaKristu nokusasaza: inyaniso esiyithiyileyo, kwaye sidinga ukuba siyoyike impembelelo yabo; kuba siyazi ukuba wonke umntu obawayo, nonqwenayo uya kuba ngaphantsi kwegunya lethu, aze athi, ekugqibeleni, ahlulwe kubantu bakaThixo.” — *Counsels on Stewardship*, pp. 154, 155. Eli cebo, ngelishwa, likhangeleka lisebenza kakuhle. Masiziqaphele ngoko ezi ngozi kunye noko kuthethwa kuthi liLizwi likaThixo ukuze sikwazi ukuwuphepha lo mgibe wasemoyeni.

*Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJanuwari 13.

Impumelelo YeGospile

Umshumayeli othandwayo kumabonakude unesigidimi esilula: UThixo ufuna ukunisikelela, kwaye isibonakaliso sentsikelelo yaKhe bubuninzi bezinto eninazo. Ngamanye amazwi, ukuba nithembekile, uThixo uya kunenza izityebi. Le ngcinga, okanye ubuninzi bentlobo ezinje, ibizwa ngokuba yiVangeli yempumelelo: Landela uThixo, uya kukwenza ube sisityebi kwizinto zasemhlabeni. Le ngcinga ayinto ngaphandle kokuba iyimfundo ngoThixo ebubuxoki, yokugwetyelwa ukuze uzuze izinto zehlabathi, kuba eyona nto iyithethayo ithi, Ingaba nifuna izinto zehlabathi nokuba nizive mnandi ngokuba njalo? Thina ke, sinayo “iVangeli” enifaneleyo.

Kanti ke, ukuqhagamshela iVangeli kwisiqinisekiso sobutyebi ngumboniso ongenguwo. Le nkolo yenza ukuba kubekho ukungangqinelani nesiBhalo ibonise ufundo ngoThixo olujonge emntwini nto leyo engekho ngaphezulu kwenyaniso engacacanga eyambathiswe ngentetho yeBhayibhile. Umongo wobu buxoki ngumba okumongo waso sonke isono, kwaye oko ngu-mna nolangazelelo lokumanelisa ngaphezu kwayo yonke enye into. Isifundo ngoThixo seVangeli yempumelelo sithi, ekunikeleni kuThixo, sizuzwa imbuyekezo eqinisekileyo yobutyebi bezinto. Oku kumenza uThixo umashini ekutsalwa kuwo imali, uze ubujike ubudlelwane bethu naYe bube sisigqibo sorhwebo kuphela: Mna ndenza oku ube Wena uthembise ukwenza okuya njengembuyekezo. Siyanikela, kungengakuba oko kulungile kodwa kuba sifumana imbuyekezo.

Funda: 2 Korinte 8:1–7. Yintoni eyenzekayo apha? Sibona imithetho-siseko ethini kwezi ndima echaseneyo nale ngcinga yempumelelo yegospile? Uthetha ukuthini uPawulos xa ethetha ngo“babalo lokupha” (2 Kor. 8:7, NIV)?

Aba bantu, “kubuhlwempu bawo obendeleyo” (2 Kor. 8:2), babe nobubele kakhulu, besipha nangaphezu kokuba benento. Iindima ezinje ngezi, nezinye, zincipha ukuphikisana nesifundo ngoThixo segospile yempumelelo, efundisa ukuthi, ukuba uphila kakuhle noThixo, uya kuba nentabalala yezinto onokubonisa ngazo.

Mizekelo mini oyifumana kwabo bathembekileyo kuThixo kodwa bangezizo izityebi ngokwezinto zasemhlabeni, nakwabo bangathembekanga kodwa bazizityebi kwizinto zasemhlabeni? Ikuxelela ntoni le nto ngokusebenzisa ubutyebi njengobubonisa iintsikelelo zikaThixo?

Ukubona Kwasemoyeni Okunkungu

Asidingi ukuba iBhayibhile isifundise ngenyaniso ecace gca: amaxhala obu bomi nobutyebi babo ngawexeshana. Ayikho apha into emayo, ngokuqinisekileyo, engemi xesha lide. Njengoko uPawulos wathi: “Asixuneli ezintweni ezibonwayo, sixunela kwezingabonwayo, Kuba ezibonwayo zezomzuzwana, ke zona ezingabonwayo zezonaphakade” (2 Kor. 4:17, 18). AmaKristu abona kufutshane xa ejolise emaxhaleni eli lizwe kunasendleleni eya ezulwini. Kanti ke, zimalwa izinto ezinokuwamfamekisa amehlo awo kuloo ndlela ngaphezu kwenkohliso yobutyebi. UHelen Keller, owayeyimfama, wathi: “Oyena mntu ulusizi emhlabeni ngumntu obonayo, kodwa angabi nambono.” IBhayibhile izele yimizekelo yabo babe nako ukubona, kodwa, ngokwenene, bazimfama ngokwasemoyeni.

“Abanye balithanda eli hlabathi kangokuba likuginya konke ukuyithanda kwabo inyaniso.”—Ellen G. White, *Spiritual Gifts*, vol. 2, p. 267. Ukubona kwasemoyeni okumfiliba kulubeka engozini usindiso olungunaphakade. Akwanelanga ukumgcina nje uYesu ebonakala; kufuneka sihlale siqwalasele kuYe.

Funda: Mateyu 13:3–7 nama-22. Yingozi enjani uYesu asilumkisa ngayo apha? Kutheni le nto ingumgibe olula kumntu wonke, isityebi okanye ihlwempu, ukuba angene kuwo?

Kuqala, uYesu usilumkisa ngokubhekiselele “kumaxhala eli phakade” (Mat. 13:22). UYesu uyazi ukuba sonke sinawo amaxhala, kuquka awemali. Abahluphekileyo bakhathazwa kuba bengenako ngokwaneleyo, abazizityebi bahlutshwa kukuba iyintoni na enye abayifunayo. Kufuneka siqiniseke nje ukuba asivumeli amaxhala anjalo “aliminxe ilizwi” (Mat. 13:22) ebomini bethu. Okwesibini, uYesu usilumkisa “ngokulukuhla kobutyebi” (Mat. 13:22). Nangona ubutyebi bona ngokwabo bungekho bubi, busenawo amandla okusikhohlisa ngendlela enokusikhokelela kwisiphelo esiyintshabalalo yethu.

**Zeziphi iindlela onokuthi ubone kobakho ubomi “ukulukuhla kobutyebi”?
Kukhetha kuni okuphathekayo onokukwenza ukuzikhusela kule nkohliso?**

Amanyathelo Okubawa

Njengazo zonke izono, ukunqwena kuqala entliziyweni. Kuqala ngaphakathi kuthi kuze kusebenze ngaphandle. Kwenzeka loo nto e-Eden.

Funda: Genesis 3:1–6. Wenza ntoni uSathana ukutsalela uEva esonweni? Uwusebenzise njani lo mthetho-siseko mnye kuzo zonke izizukulwana ukusikhohlisa nathi?

“Wabona umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, ingumthi onqwenelekela ukuqeqisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla” (Gen. 3:6). Ukuba ubani ebengazi ngcono, ebengacinga ukuba ishishini lentengiso lawufumana umzekelo walo onguwona wona kwibali lase-Eden. Ngendawo wasibeka isiqhamo somthi owalelweyo ngendlela yokudala kuEva ulangazelelo lokufuna ngaphezulu kunokuba wayesele enako, nokumenza ukuba acinge ukuba wayedinga into awayengenayo ngokwenene. Ubuhle obunjalo! Ukuwa kwakhe kwabasisibonelo samanyathelo amathathu esiwathabathayo ngabanye xa sisiwa ekunqweneleni: Ndiyabona, ndiyafuna, ndiyathabatha.

Ukunqwenela, phofu, kunokuba sisono esizolileyo. Njengenkanuko, kufihlakele ngasemva komkhusane wenyama yethu. Kunokubonakalisa ubudlelwane, bushiye izinxenxe kwabo bathandwayo, busithuthumbise ngesazela emva koko.

Ukunqwenela mabuphume ngaphandle, bugqitha nawuphi umthetho-siseko. Ukumkani uAhabhi wabona isitiya sikaNabhoti, wasifuna, wajala wada ukumkanikazi wakhe wenza ukuba uNabhoti abulawe ngenxa yaso (1 Kumkani 21). U Akan akazange akwazi ukwala xa wayebona ingubo nemali, wasuka wanqwena wazithabatha (Yosh. 7:20–22). Ukunqwena, ekugqibeleni, lolunye nje uhlobo lomona. “Ukuba umona uluhlobo olugqubayo lwesono, ukunqwena kunokubonwa njengolunye uhlobo olugqubayo lomona. Oku kurheshwa nguPawulos ngendlela ecace kakhulu, xa echaza ‘amaxesha omngcipheko’ [2 Tim 3:1] okreko lokugqibela, apho abeka umona njengengcambu eyande kakhulu yabo bonke ububi obuya kubakho ngelo xesha, nokunqwenela okusisiqhamo sako sokuqala. ‘Kuba abantu baya kuba ngabazithandayo, abathandi bemali’ [2 Tim 3:2].”—Yohane Harris, *Mammon*, (New York: Lane & Scott, 1849) p. 52.

Kubaluleke ngantoni ukuwuqonda ngaphakathi kwethu nawuphi, nayo yonke, imikhwa ekekelele ngasekunqweneni?

Ukubawa — Ukuba Nezinto Ngendlela Yakho

Funda: Isaya 56:11. Sesiphi isono esithetha ngaso esi silumkiso?

Kuthi njengabantu abawileyo, ukubawa kunokuba lula njengokuphefumla. Nako kube njengendalo. Sekunjalo, kunzima ukucinga ngenye into esimilweni somntu ebonakalalisa nganeno kwesimilo sikaKristu njengokubawa. “Kuba niyalwazi ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu, okokuba yathi ibisisityebi nje, yaba lihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bayo obo” (2 Kor. 8:9). YiNkosi kuphela eyaziyo ingozi eyenziwa kukubawa kuyo yonke imbali. Ukubawa kukhokelele ezimfazweni. Ukubawa kwenze ukuba abantu baphule imithetho nto leyo ezise intshabalalo phezu kwabo neentsapho zabo. Ukubawa kungafaniswa nentsholongwane ethi ihlale phezu kwexhoba layo idle konke okuhle kude kusale kuphela ukubawa phezu kokubawa. Ukubawa kususifo esibi esifuna yonke into: imvakalelo, amandla, izinto. Kwakhona, Ndiyabona, ndiyafuna, ndiyathabatha.

Funda: Mateyu 26:14–16. Yintoni esinokuyifunda apha ngamandla okubawa kweli bali lilusizi?

Qaphela amazwi kaYuda Iskariyoti: “ ‘Ningandinika ntoni na, ndimnikele kuni?’ ” (Mat. 26:15). Uthetha ngokuvumela ukubawa kongamele yonke enye into! UYuda wayefumene ilungelo labantu abambalwa kakhulu embalini: wahlala noYesu ongumntu, wabona imimangaliso, wamva eshumayela amazwi obomi. Kanti kuthe kunjalo, khangela apho ukubawa nokunqwenela kwamkhokelela khona. “Indlela enobubele uMsindisi awamphatha ngayo umngcatshi waKhe! Kwimfundiso yaKhe, uYesu wagxila kwimithetho-siseko yobubele obabetha engcanjini kanye yokunqwenela. Wabeka phambi kukaYuda imo embi yokubawa, kwathi amaxesha amaninzi umfundi waqonda sisimilo sakhe esi besizotywa, kusalathwa isono sakhe; kodwa akazange akuvume akushiye ukungalungisi kwakhe.”— Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 295.

Ngubani, ukuba akalumkanga, ongabonakalalisi ukubawa okuthile esimilweni sakhe? Singenza njani ukuba, sithi, ngobabalo lukaThixo, siwugcine phantsi kolawulo lo mkhwa wemveli?

Ukuzilawula

Funda: ezi ndima zilandelayo. Zithetha ntoni enokusenza siyiqonde indlela abantu, izityebi okanye amahlwempu, abanokuzikhusela ngayo kwiingozi eziza nokubawa, nokunqwena, nokuthanda imali nezinto zehlabathi kumntu ongumKristu?

IZenzo 24:24–26

Gal. 5:22–25

2 Pet. 1:5–9

Ezi ndima zityebe kakhulu kwaye zizele yimiyalelo engcwele ebhekiselele kwindlela emasiphile ngayo. Qaphela ke kodwa, umda oqhelekileyo wokuzilawula. Olu phawu lunokuba nzima kakhulu xa kufika ekubaweni, ekunqweneni, nasekulangazeleleni ukuba nezinto. Kuphela ngokukwazi ukuzilawula, kuqala, iingcinga zethu emva koko kube zizenzo zethu, esinokuthi sikhuseleke kwiingozi zezinto ebesithetha ngazo.

Singakusebenzisa oko kulawula kuphela kangangoko sizinikela ngako eNkosini. Akakho noyedwa kuthi, ngokwethu, onokoyisa ezi mpawu zesono, ngakumbi ukuba kudala sikhuliswa, sithandwa. Ngokwenene sidinga ukusebenza kwangasentla kukaMoya Oyingcwele ebomini bethu ukuba sinokuzuza uloyiso koku kulahlekisa kunamandla. “Anibanjwanga silingo singesesabantu. Uthembekile ke uThixo, ongayi kuvumela ukuba nilingwe ngaphezu kweninako; owothi, kunye nesilingo eso, avelise ithuba lokuphuma kuso, ukuba nibe nako ukuthwala”(1 Kor. 10:13).

Funda: kwakhona u-2 Petros 1:5–9. Ithini indlela eyalathwa nguPetros? Athini amanyathelo ayo, kwaye singakufunda njani ukuwalandela, ngakumbi kwidabi nokubawa nokunqwena?

Ingcamango Eyongeziweyo: Umgomo wokugqibela womntu kukonwaba nokwaneliseka. Ukuzanelisa ngokuthanda izinto zehlabathi akusayi kuze kuwufikelele lo mgomo. Ngaphakathi enzulwini abantu bayazi ukuba oku kuyinyaniso, kanti ke basaqhubeka nokuthi ti kwabo zizinto: Ndiyabona, ndiyafuna, ndiyathabatha. Yintoni enokuba lula kunaleyo? AmaSeventh-day Adventist, njengabo bonke abanye abantu, ajongene nokuhendwa kokuzinikela kwiinqobo zokuthanda izinto zehlabathi. Kanti ke, ukuqhubeka nokuqokelela izinto akuluzali ulonwabo, ukwanela, okanye ukwaneliseka. Endaweni yoko kuzala iinkathazo, njengoko zibonwa xa umlawuli oselula osisityebi esuka kuYesu engonwabanga, etyhafile, edanile, kuba engazange eve okanye afumane oko wayekufuna. “Amxabiso ezinto zomhlaba ahambelana nokujongela phantsi okunamandla kokulungelwa kwabanye abantu, kususela ekwanelisweni naselonwabeni lobomi obuphantsi, kuse ekuxinzelekeni nasexhaleni, kuye kwiingxaki zasemzimbeni ezinje ngeentloko ezibuhlungu, nasekungaphathekeni kakuhle komntu, ukuzithanda, nokuziphatha ngokuchasene noluntu.”—Tim Kasser, *The High Price of Materialism* (Cambridge, Mass.: The MIT Press, 2002), p. 22. AmaKristu athanda izinto zehlabathi, ngamanye amazwi, asela ngokuzidla kwiqula lobutyebi kodwa ahlala enxaniwe ngokwasemoyeni. Phofu asisayi kuze sinxanwe xa sisela amanzi esiwaphiwa nguKristu (Yohane 4:14).

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Hlalani kakhulu kwingcinga yempumelelo yegospile. Zeziphi iindima abanokuzisebenzisa abo bakholelwa kule nginga ukuzama ukuyikhuthaza? Kwangelo xesha linye, ithini imizekelo onokuyifumana eBhayibhileni yabantu abathembekileyo ababomi babo okukuyikhanyela ngokuphilileyo le mfundiso ibubuxoki?
2. Lakuba izibulo layo ligqibe iminyaka embalwa lizelwe, enye indoda yathi: “Ndifunde iinyaniso ezimbini ezibalulekileyo zeBhayibhile, kulo mntwana. Kuqala, ukuba sizalwa singaboni. Okwesibini, ukuba sizalwa sibawa.” Ngubani onokuza namabali angokuba nabantwana bayayiveza indlela esibawa ngayo ngokwendalo thina singabantu? Isixelela ntoni le nto ngokudinga kwethu ubalalo lwezulu?
3. “Ukuba sihlole intsusa yeenkathazo zethu,” wabhala omnye, “akufuneki sibahlolele iziyobisi, kufuneka sibahlolele ubuyatha, ukungazi, ukubawa, nokuthanda igunya.” Yintoni enokwenza nokubawa le yenza umonakalo ongaka, ukungabawo nje kuphela kumntu obawayo ngokwakhe, kodwa nakwabo bamjikelezileyo? Ithini imizekelo oyaziyo apho ukubawa kwenza umonakalo omkhulu kubo bonke ababebandakanyeka?